



# UNOMA

KUNYE NENTSHABALALO  
YOO-C ABATHATHU

**COVID-19**

(INTSHOLONGWANE YE-CORONA)


**CAPITALISM**

(INKQUBO YONGXOWA-NKULU)

**CLIMATE  
CHANGE**

(UKUTSHINTSHA KWEMOZULU)






Kwihlabathi liphela oorhulumente bancedisa oongxowa-nkulu ukusebenzisa umhlaba nokutshabalalisa indalo. KODWA indalo ibisikhusela kwinto ebizimele ebumnyameni...


Oongxowa-nkulu basebenzisa indalo nabantu ukuze bavelise izixa ezikhulu tshiphu baze bazithengise ngengeniso enkulu.

Amahlathi akwimo efanalekileyo ayatshatyalaliswa kuze endaweni yawo kulinywe izityalo ezifanayo kutshizwe ngetyhefu, imo yokusingqongileyo yendalo iyatshatyalaliswa kulungiselelwa imigodi, iindlela kwakunye nokwakiwa kweedolophu apho abasebenzi bamkeliswa imivuzo ephantsi kunye nabasebenzi abangenangqesho banyanzelwa ukuba bahlale kwaye basebenze kuzo.



Ngokusebenzisana noongxowa-nkulu, oorhulumente baphuhlise imithetho exhasa imveliso yoongxowa-nkulu. Imithetho engalinakanga ixabiso lendalo. Izityalo kunye nezilwanyana zibonwa kuphela njengezinto zokusetyenziswa.

Oongxowa-nkulu batshabalalisa imithombo yendalo (natural resources) kwakunye nenkqubo yempilo yemveli, bangcolisa amanzi kwaye banegalelo kutshintsho lwemozulu.



Iinkampani azihlawuli ngentshabalalo eziyenzayo, zihlawula abasebenzi imivuzo ephantsi zize ziqhubeke ziye kwenye indlela yokwenza imali, zishiya ngasemva uluntu olungxwelerhekileyo lubulaleka ziziphumo zoko.





Into eshiyekileyo ehlathini lutshaba oluyingozi elulindele ukuvulelwa...

Ukutshintsha kobume bemeko bendawo kunye nokuphazamisa kwemo yempilo yendalo kubangela izifo kunye neendykityha zokufa. Indalo izikhusela ngokuba ibe neentlobo ezahlukeneyo zezityalo nezilwanyana ukwenzela ukuba isifo esinye singabi nakho ukwenzakalisa zonke izilwanyana kunye nezityalo. Xa abantu betshabalalisa indalo bekwaphazamisa nolungelelwano, loo nto ibangela ukuqhambuka kwezifo ezinobungozi...

Xa oongxowa-nkulu belima izigidi ngezigidi zezityalo ezifanayo okanye befuya iizigidi ngezigidi zezilwanyana ezifanayo ulungelelwano lwendalo lwehlabathi luyaphazamiseka. Le meko ivulela ukuphuhla kwezifo ezinjengomkhuhlane weentaka (bird-flu), isifo se-mad cow ngoku yiCovid -19.

E-Ireland indlala enkulu yeetapile yabangelwa ngabanini-bomhlaba baseBritane ngokunyanzela abalimi ukuba balime uhlobo olunye lweetapile.

Xa umnombo weetapile wafumana isifo isigidi esinye sabantu sasweleka ngenxa yendlala kuba kwakungekho esinye isivuno sokubondla.

Okukhulu kuseza... utshabalaliso lwendalo kunegalelo kuTshintsho lweMozulu. Ukuxhomekeka kwinto ebizwa ngokuba yiCarbon Based Economy (ukufumana amandla kwizibaso ezinjengamalahle neoli) kwenza izinto zibe mandundu. Ukutshisa ezi zibaso kwimizi-mveliso yamandla egesi, kwiimoto, kwizigadla nakwiitreyini, kwenza iingubo zongcoliseko ezenzeka kumoya osingqongileyo, ezibamba ubushushu obuvela elangeni kwaye zibangele ukuba amaqondo emhlabeni anyuke.

Oku kutshabalalisa iinkqubo zempilo yendalo kwihlabathi liphela; lubangela imbelela nezifo. Ukuba asikunqandi ngokukhawuleza ukutshintsha kwemozulu, olo tshabalaliso luyakuqhubeka ngendlela engenakufaniswa nanto eyakhe yenzeka.





Inkqubo yoongxowa-nkulu ibangele ukungalingani okumandla kwezentlalo nakwezoqoqosho phakathi kwabantu. Abantu abazizityebi baqobisana ngcono neentlekele kunye nezifo. Imali yabo iyabakhusela, banakho ukuhlawula izibhedlele zabucala nokutya okuduru. Abantu abazizityebi bahlala ezidolophini apho bafikelela lula kwiinkonzo ezingundoqo, kwizindlu ezinkulu ezikwipropati ezinkulu ezinemithi kwakunye neepaki kwimo engqongileyo esempilweni. Abantu abangamahlwempu bahlala kwimo engqongileyo engekho sempilweni kakhulu, akukho ndawo ukulungiselela indalo kwaye bafikelele kancinci okanye abafikeleli kwiinkonzo ezingundoqo njengamanzi etephu okanye iithoyileti ezingxulwayo. Izifo ezifana nentsholongwane ye-Corona zinempembelelo ezimbi kumahlwempu.



Khona ukuze sithomalalise indykityha yeCovid 19 urhulumente uthi kufuneka:

1. Uhlale ekhaya
2. Sigcine umgama phakathi kwethu
3. Sinxibe i-mask

Kodwa uninzi lwethu alukwazi ukuba namakhaya amahle kwindawo ezintle. Kukho ukulahlekana nemisebenzi okumandla kwaye imisebenzi emininzi ayihlawuli ngokwaneleyo nkqu ukondla ifemeli, asithethi ke ngokuhlala kumakhaya asemgangathweni. Ukukhetha kuninzi lwabantu abahluphekayo kuyingxaki: ixabiso le-mask etshiphu liyalingana nele litha yobisi.

Urhulumente uthi okona kuzigcina ukhuselekile kwintsholongwane yecorona kukuhlamba izandla zethu, ukugcina imiphezulu icocekile size sisebenzise isibulali-ntsholongwane xa singenawo amanzi. Kodwa uNoma amanzi akhe uwafumana kwitephu esetyenziswa zifemeli ezininzi eluntwni, ekumgama ozimitha ezingama-300 ukusuka kwityotyombe lakhe.

Kwindawo zabantu abahluphekayo kulo lonke eloMzantsi Afrika akufikeleli ngokupheleleyo kumanzi nogutyulo lwelindle olusemgangathweni; kubolekiswa ngabantu abaninzi ngeethoyilethi. Ezi meko zibeka impilo emngciphekweni, kwaye zinobungozi ngakumbi kubafazi nabantwana ebusuku.



...KWAYE IBHOTILE ENYE ENCINANE YESIBULALI-NTSHOLOGWANE IBIZA IXABISO ELIFANAYO NEELOFU EZIMBINI ZESONKA!





UNoma ulilwa njani yedwa eli dabi, asiyontsholongwane kuphela ekufuneka elwe nayo. Ukunyanga ihlabathi kwintshabalalo yoongxowa-nkulu kufuneka alwe ukuhlangula imo yokungqongilleyo, ukuguqula imo yezulu kwanokutshintsha iimeko aphila phantsi kwazo. Ngamanye amazwi khona ukuze akwazi ukulwa nentsholongwane ye-Corona kufuneka ajongane nabo bonke ububi kwezentlalo, kwezoqoqosho nakwezemo yokungqongileyo obubangelwa yinkqubo yoongxowa-nkulu.



Intsholongwane yeCovid 19 ibangele iingxaki ezimandla eMzantsi Afrika nakwihlabathi liphela. Oorhulumente abaninzi bamisele umiso-ngxi lwentshukumo lweenkonzo olube neempembelelo ezimbi ngamandla kwezentlalo nakwezoqoqosho, ngakumbi kubasebenzi nakubantu abangathathintweni. La maxesha aqhubekayo obunzima enza ukuba abantu babone ukubaluleka kophuhliso oluzinzileyo olukhusela indalo, oluxabisa abantu nezilwanyana.


UBULUNGISA EBANTWINI KUNYE NAKWIMO YOKUSINGQONGILEYO BUYAHAMBELANA. KUFUNeka SIZILWELE ZOMBINI UKUZE SIHLANGULE ILIZWE!

Xa indalo ikwimo efanelekileyo, yonke into ingasebenza kakuhle ukuxhasa bonke ubomi. Kufuneka silwele ezoqoqosho, ezihlonipha indalo ezisebenzisa imithombo yendalo ngenkathalo. Kufuneka siqinisekise ukuba ezoqoqosho zivelisela abantu hayi ingeniso, kwaye ingeniso kunye nobutyebi zabiwa ngobulungisa.



Kufuneka simisele iinkqubo zolawulo esiziqhuba ngokwethu kwaye sakhe uluntu oluxhasa abantu kunye neplanethi hayi oongxowa-nkulu noosopolitiki abakhethiweyo.





**ILRIG**

41 Salt River Rd,  
Salt River,  
Cape Town,  
7925

Umnxeba: +27 (0)21 447 6375

Website: [www.ilrigsa.org.za](http://www.ilrigsa.org.za)



**EMG**

10 Nuttal Road,  
Observatory,  
Cape Town,  
7925

Umnxeba: +27 (0)21 448 2881

Website: [www.emg.org.za](http://www.emg.org.za)